



**CAPE WINELANDS DISTRICT**  
MUNICIPALITY • MUNISIPALITEIT • UMASIPALA

---

**UMGAQO-NKQUBO WEMFUNDO, UQEQESHO  
KUNYE NOPHUHLISO**

**UMGAQO-NKQUBO WAMKELWA LIBHUNGA NGOMHLA WESI-4  
KUDISEMBA WAMA-2014 KUMBA ONGUNOMBOLO C.14.5**

## 1. IINKCAZELO

Kulo mgaqo-nkqubo, ngaphandle kokuba kuboniswe ngenye indlela -

- 1.1     **“ABET/AET”** uthetha iMfundo noQeqesho (IweSiseko) IwaBantu abaDala.
- 1.2     **“ULWAMKELO/ACCREDITATION”** kuthetha inkubo yokuqinisekiswa kokulunga ukuqinisekisa ngokulunga kwemfundu noqequesho kuMzantsi Afrika.
- 1.3     **“APPRENTICESHIP”** luthetha uhlobo lokuFunda okuthi kube nomphumela webhaso lomsebenzi obhaliswe liSebe leMfundo yamaBanga aPhezulu noQeqesho njengoMsebenzi woBugcisa.
- 1.4     **“UTHETHWANO / CONSULTATION”** luthetha uxibelelwano ngenkubo yokufunwa kwesivumelwano esinentsingiselo esihlangeneyo, nangona kunjalo amaqela akunyanzelekanga ukuba afikelele kwisivumelwano. Uxanduva lokuthethana alukho kumagxa omqeshi kuphela kulindeleke ukuba umqeshwa anxibelelane kakhulu nomqeshi kule nkqubo yokufunwa kwesivumelawno esihlangeneyo. Ngoko, uthethwano luthetha ukuxoxa nokuthathela ingqalelo iimbono ezahlukeneyo, oku akuthethi “uthethwano” okubhekiselele kwiingxoxo zothetha-thethwano ezixhibe ukuba kufikelelwe esivumelwaneni. Ngamanye amazwi, nangona isoloko isenzeka into yokokuba uthethwano lukhokhelela kwisivumelwano, umqeshi akathintelwanga ekuqhubeke ni equkumbela isiCwangciso saMakhono kwiNdawo yeNgqesho kwimeko apho engahambelan/engazamkeli iingcebiso ezithiwe thaca ngabaqeshwa. Emva kokuba ezivile ezi ngcebiso, umqeshi unelungelo lokuqhuba noko kubonanakala kuyindlela efanelekileyo yokwenziwa kwezinto.
- 1.5     **“IBHUNGA”** lithetha uMasipala wesiThili saseCape Winelands njengoMqeshi.
- 1.6     **“UCEBA”** uya kuthetha ilungu leBhunga loMasipala kuMasipala wesiThili saseCape Winelands.
- 1.7     **“IZIQINISEKISO ZEZIFUNDO”** zithetha ixabiso lobungakanani obunikezelwa kwimigangatho yeyunithi.
- 1.8     **“CWDM”** lithetha uMasipala wesiThili saseCape Winelands.
- 1.9     **“UMQESHWA”** uya kubhekiselela kumntu okwingqesho yoMasipala wesiThili saseCape Winelands.
- 1.10    **“UMQESHI”** uthetha ooCeba (abamele iCandelo loMqeshi kwiKomiti yoQeqesho).
- 1.11    **“ETQA”** ithetha iNgqinisekiso yokuLunga kweMfundu noQeqesho; amaquamrhu aqinisekisa ngengqinisekiso yokulunga kwimfundu noqequesho kuMzantsi Afrika.

- 1.12   **“IDP”** ithetha isiCwangciso seiHlangeneyo soPhuhliso.
- 1.13   **“INTLOKO ZAMASEBE”** zithetha umntu oqeshwe liBhunga likaMasipala njengoMlawuli kaMasipala ukulungiselela umasipala ngokuhambelana necandelo 54A loLawulo IweeDolophu: uMthetho weeNkqubo zikaMasipala, wama-2000 (uMthetho onguNombolo 32 wama-2000) nabo bonke abaqeshwa ngokuhambelana necandelo lama-56 loLawulo IweeDolophu: uMthetho weeNkqubo zikaMasipala, wama-2000 (uMthetho onguNombolo 32 wama-2000)
- 1.14   **“IMATU”** ithetha umbutho owaziwa njenge-Independent Municipal and Allied Trade Union (Abachaphazelekayo babasebenzi abakwiKomiti yoQeqesho).
- 1.15   **“IMIBUTHO YABASEBENZI”** ithetha imibutho yabasebenzi eyaziwa njenge-Independent Municipal and Allied Trade Union (IMATU) kune ne-South African Municipal Workers Union (SAMWU).
- 1.16   **“IZIFUNDO KWINDAWO YENGQESHO”** zithetha indlela eya kwikhono/kubugcisa bezifundo zeNQF eziqamele ikhakhulu ngamava endawo yokusebenza.
- 1.17   **“AMAZIKO OKUFUNDA”** athetha amaziko aqinisekisiwego angasese/karhulumente (umz.: iiKholeji zeFET namaZiko eMfundu ePhezulu, umz, iiYunivesiti okanye iiYunivesithi zeTheknoloji).
- 1.18   **“LGSETA”** ithetha uGunyaziwe weCandelo leMfundu noQeqesho loLawulo IweeDolophu.
- 1.19   **“UMLAWULI OTHE NGQO”** uthetha umntu olawula ngqo abanye abasebenzi yaye enoxanduva lolawulo nokusebenza kolawulo lwabasebenzi..
- 1.20   **“MOA”** ithetha iSaziso saseburhulumenteni sesiVumelwano.
- 1.21   **“MOU”** ithetha iSaziso saseburhulumenteni sokuNgqinelana.
- 1.22   **“NQF”** ithetha isiCwangciso-nkqubo seSizwe soBugcisa; isaicwangciso-nkqubo sesizwe esiqinisekisa ngokulunga kwazo zonke izifundo zobugcisa ezifunyanwayo eMzantsi Afrika.
- 1.23   **“OHS”** ithetha iMpilo noKhuseleko eNgqeshweni.
- 1.24   **“ONA”** ithetha uHlahlelo IweeMfuno zoMbutho.
- 1.25   **“PDP”** ithetha isiCwangciso soPhuhliso loMntu.
- 1.26   **“POE”** ithetha iSikhundla soBungqina.
- 1.27   **“IFORAM ZEPHONDO ZESDF”** zithetha amaqonga asekwe kwiphondo ukulungiselela iingxoxo, uthethwano nolungelewaniso ngokubhekiselele kwimfundu, uqequesho nophuhliso.

- 1.28   **“IIFORAM ZENGINGQI ZESDF”** zithetha amaqonga asekwe kwingingqi ukulungiselela iingxoxo, uthethwano nolungelewaniso ngokubhekiselele kwiMfundo, uQeqesho noPhuhliso.
- 1.29   **“SAMWU”** ithetha umbutho wabasebenzi owaziwa njengeSouth African Municipal Workers Union (Abachaphazelekayo bombutho yabasebenzi abakwiKomiti yoQeqesho).
- 1.30   **“SDF”** ithetha uMququzeleli woPhuhliso IwaMakhono.
- 1.31   **“SDBIP”** ithetha isiCwangciso sokuMiliselwa kweNkonzo yokuNikezelwa koShishino.
- 1.32   **“INDIBANO YENGXOXO/INGQUNGQUTHELA”** ithetha amathuba okufunyanwa kwengcaciso emalunga nomsebenzi esoloko ithe ngqo kwicandelo.
- 1.33   **“SETA”** ithetha uGunyaziwe weCandelo leMfundo noQeqesho.
- 1.34   **“IZIFUNDO ZETHUBA ELIFUTSHANE”** zithetha iinkqubo zamakhono ezinokuqinisekiswa OKANYE ezingenakho ukuqinisekiswa.
- 1.35   **“UPHICOTHO LWAMAKHONO”** luthetha inkqubo yokufumana amakhono akhoyo kumbutho namakhono asilelayo.
- 1.36   **“INKQUBO YAMAKHONO”** ithetha into enye neZifundo usemsebenzini, nangona kunjalo, ayikukhokheleli kwisiqinisekiso esipheleleyo.
- 1.37   **“SLA”** ithetha iNqanaba lesiVumelwano seNkonzo.
- 1.38   **“SSP”** ithetha isiCwangciso saMakhono eCandelo.
- 1.39   **“TC”** ithetha iKomiti yoQeqesho; iforam yombutho yothethwano yemiba enxulumene neMfundo, uQeqesho noPhuhliso IwaMakhono.
- 1.40   **“IMILINGANISELO YEYUNITHI”** ithetha amanqanaba esiseko okwakha iziqinisekiso zemfundo, iZifundo usemsebenzini nokuba nguMfundi.
- 1.41   **“WSP”** ithetha isiCwangciso saMakhono eNgqeshweni.

## **2. INTSHAYELELO**

UMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM) uzibophelele ekuqaliseni ngenkqubo yemfundo, uqequeso nophuhliso elungiselelwe abasebenzi nokufezekisa iimfuno ezisemthethweni zoMthetho woPhuhliso IwaMakhono, we-1998 (uMthetho onguNombolo 97 we-1998) kune neminye imithetho efanelekileyo. Ukunyuselwa kwabasebenzi abakwinkqubo zophuhliso kuya kuxhomekeka kumgaqo-nkqubo ofanelekileyo weBhunga nenkqubo yokufunwa nokukhethwa kwabasebenzi.

### **3. INKCAZELO YOKUZIMISELA**

UMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM), iBhunga nabasebenzi bazimisele ngokupheleleyo ekufundiseni, ekuqequeseni nasekupuhhliseni bonke abasebenzi ngokwemali nezibonelelo ezikhoyo, yaye oku kuya kwenzeka:

- 3.1 NgoPhuhliso loQeqesho neQhinga loPhuhliso IwaMakhono elihambelana nemiqathango yoMthetho woPhuhliso IwaMakhono, we-1998 (uMthetho onguNombolo 97 we-1998), njengoko uhlonyelwe kunye nomnye umofanelekileyo.
- 3.2 Ukumiselwa kwemithetho–siseko enobulungisa, efanelekileyo nenenjongo elungiselelwe imfundo, uqequesho nophuhliso Iwabasebenzi abaqeshwe liBhunga.
- 3.3 Ukuqezela ngezikhokhelo ezelungiselelwe uqequesho nophuhliso Iwabasebenzi abaqeshwe liBhunga.
- 3.4 Ukuqhutywa kophicotho olulungileyo Iwamakhono nokusilela okukhoyo okuchongiwego nokuyilwa kwamqhinga ngokuhambelana nombono ngokubanzi weBhunga.
- 3.5 Ulwabiwo olubonakalayo lwezibonelelo zoqequesho, ngokokufikelela kweBhunga.
- 3.6 Ukuqinisekisa ngento yokuba abantu abalimeleyo bawafumana lula onke amathuba okufunda ngokususwa kwazo naziphi na izithintelo zokufunda.
- 3.7 Ukumiselwa kweenkqubp ezibanzi zemfundo, zoqequesho nezophuhliso ezithi zijolise kukufunda nokubhala, kukubala, kubuchule bobugcisa nolawulo nakwiinkqubo zophuhliso.

### **4. UMBONO**

- 4.1 UMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM) uya kujolisa ekupuhhliseni nasekumiliseleni imigaqo-nkqubo neenkqubo ukulungiselela ukuqinisekisa ngobulungisa, ukusebenza nokuba selubala kwemisebenzi yemicimbi yabasebenzi.
- 4.2 Uya kujolisa ngokunjalo ekupuhhliseni nasekwakheni ikhono labasebenzi ukulungiselela ukuba benze imisebenzi yabo ngendlela apha efanelekileyo, enoqoqosho nenika ingxelo.

### **5. IMITHETHO-SISEKO YESIKHOKHELO**

- 5.1 Uqequesho luya kunikezelwa ngokuthengiswa ngaphakathi nakumashishini angaphandle, kuxhonyekwe kwikhono langaphakathi elikhoyo kunye neemfuno zoqequesho ezithe ngqo.

- 5.2 Abanikezeli boqequesho kufuneka babe baselungelweni ngokwemiqathango yokwamkeleka yeSETA, imithetho efanelekileyo kunye neziko likarhulumente elamkelekileyo, apho kuyimfuneko.
- 5.3 Imiqathango yethenda nokukhethwa kwabanikezeli boqequesho iya kuhambelana noMgaqo-nkqubo kaMasipala woLawulo IweSixokelewano soNikezelo IweNkonzo woMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM), yaye kuthathelwa ingqalelo ulawulo lokulunga.
- 5.4 Uqequesho oluqualisiwego luya kuxhasa umthetho-siseko wophuhliso Iwamakhono.
- 5.5 Apho kufanelekileyo, uqequesho luya kukhokhelela ekufunyanweni kwamanqaku kubafundi ngokuhambelana nesiCwangciso-nkqubo seSizwe soBugcisa.
- 5.6 Uqequesho luya kunikezelwa ngoweemfuno, kuya kwamkelwa abaqequesha ngokufika kwabo yaye kuxhonyekewo kwizithintelo zohlahllo Iwabiwo-mali zoMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM).

## **6. UBUNGAKANANI**

- 6.1 Amagama “imfundu, uqequesho & nophuhliso” abandakanya iindlela ezinanzi zokufunda ezithi ziqhubeke kumaziko awahlukeneyo, ngokunjalo nakumaziko obugcisa obubodwa nawemfundu ephakamileyo.
- 6.2 Okuqulathiweyo koku kufunda kubandakanya imimandla yobugcisa nengeyiyo eyobugcisa, eyokupuhliswa kwekhono ngokunjalo noqequesho ngokubanzi Iwabasebenzi (efana neMpilo noKhuselo eNgqeshweni, Amakhono okuPhila, neMfundu yesiSiseko noQeqesho IwaBantu abaDala (ABET).

## **7. UKUMILISELWA KOMGAQO-NKQUBO**

- 7.1 Lo mgaqo-nkqubo usebenza kubo bonke abasebenzi boMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM).
- 7.2 Amanye amacandelo alo mgaqo-nkqubo anakho ukusebenza kooceba, abanakho ukufumana amathuba emfundu, oqequesho nophuhliso ahambelana nemisebenzi yabo noxanduva.
- 7.3 Amanye amacandelo asebenza ngokunjalo kubantu abangengabo abaqeshwa, kodwa bethabatha inxaxheba ngenye iindlela kwiinkqubo zemfundu, zoqequesho nezophuhliso kuMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM) umz. njengabanebahasari okanye abaqeqeshwa abafunda besebenza, okanye ababandakanyekayo kwiiprojekti zophuhliso loluntu zoMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM).

7.4 Lo mgaqo-nkqubo usebenza kulo lonke uphuhliso lwekhono elamkelweyo nelingamkelwanga, kwimfundu noqequesho oluxhaswa okanye olunikezelwa nguMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM). Oku kubandakanya unikezelo Iwangaphakathi, ngokunjalo nesibonelelo esiqhubeka kumziko angamanye okufunda. Ubandakanya uqequesho lwasigxina nolwethutuya ngokusetyenziswa, umz. -

- (a) Uqequesho olwenziwa usengqeshweni
- (b) Izifundo zethuba elifutshane
- (c) Ukufunda usemsebenzini/ukuqeshwa njengomfundi neenkqubo zamakhono
- (d) Lindibano zengxoxo neengqungquthela
- (e) Ukufunda kumaziko emfundu asesikweni, kunye
- (f) Namanye amangenelo emfundu, oqequesho nophuhliso
- (g) Abaqeshwa abasafundayo

7.5 UMgaqo-nkqubo weZiko loQeqesho loMlilo noHlangulo loMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM) uyabandakanya apha kuMgaqo-nkqubo weMfundu, uQeqesho noPhuhliso woMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM), uncanyathiselwe **njengesiHlomelo “A”**.

## 8. ISIGUNYAZISO ESISEMTHETHWENI

8.1 Kukho inani lemithetho yesizwe nemigaqo-nkqubo ethi ibe nempembelelo kwindlela umbutho oyiqhuba ngayo imfundu, uqequesho nophuhliso. Le mithetho ibandakanya, kodwa ayiminywanga kule -

- (a) Occupational Health and Safety Amendment Act, 1993 (Act No 85 of 1993)
- (b) South African Qualifications Authority Act, 1995 (Act No 58 of 1995)
- (c) Labour Relations Act, 1995 (Act No 66 of 1995)
- (d) Constitution of the Republic of South Africa, 1996
- (e) Basic Conditions of Employment Act, 1997 (Act No 75 of 1997)
- (f) Employment Equity Act, 1998 (Act No 55 of 1998)
- (g) Skills Development Act, 1998 (Act No 97 of 1998)
- (h) Skills Development Levies Act, 1999 (Act No 9 of 1999)
- (i) Local Government: Municipal Systems Act, 2000 (Act No 32 of 2000)
- (j) National Qualifications Authority Act, 1995 (Act No 58 of 1995)
- (k) National Qualifications Framework Act, 2008 (Act No 67 of 2008)

8.2 Le mithetho isisiseko yaye iphembelela isiCwangciso-nkqubo seMfundu, uQeqesho noPhuhliso loMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM). Ubume bomgaqo-nkqubo wengingqi buya kubandakanya imiqathango yenkonzo yabaqeshwa, ngokunjalo noMgaqo-nkqubo kaMasipala woLawulo IweSixokelewano soNikezelo IweNkonzo woMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM).

## 9. AMAQHINGA EMFUNDO, OQEQQESHO NAWOPHUHLISO

- 9.1 Sebenzisa indawo yengqesho njengendawo enovuselelo lwemfundo.
- 9.2 Bonelela abasebenzi ngamathuba okufumana amakhono amatsha.
- 9.3 Bonelela ngamathuba kwabaqalayo ukungena kwingqesho ukuba bafumane amakhono namava omsebenzi.
- 9.4 Qesha abantu ekunzima kubo ukuba bafumane ingqesho.
- 9.5 linkqubo zokufunda engqeshweni/zokuba ngumqeshwa oseluqequeshwani nezamakhono.
  - (a) linkqubo zokufunda engqeshweni/zokuba ngumqeshwa oseluqequeshwani nezamakhono zibonelela kwezi njongo ngokuhlanganisa ukufunda okulungelelanisiwyo kunye namava alungelelanisiwyo ukuze ufumane isiqinisekiso esibhalisiwyo seNQF. Zezona ndlela zingundoqo ekumiliselwa kuzo isiCwangciso soPhuhliso IwaMakhono kwiNdawo yeNgqesho.
    - (i) **Izifundo usengqeshweni** zandise ubuqeshwa eluqequeshwani bangaphambili zasiwa kwimimandla yokufunda engeyiyi eyorhwebo zaze zanomphumela wokokuba iziqinisekiso ezipheleleyo zibhaliswe yiSAQA yaye zihambelana nemisebenzi.
    - (ii) **Ubuqeshwa eseluqequeshwani** buzintlobo zokufunda usengqeshweni ezithi zibe nomphumela webhaso lengqesho ezithe zabhaliswa liSebe leMfundu ePhakamileyo noQeqesho njengomsebenzi worhwebo.
    - (iii) **linkqubo zamakhono** ziiyunithi ezincinane zokufunda eziqulathe izifundo eziqinisekiswayo yaye umntu angazichola-chola ze azihlanganisa zibe nomphumela wesiqinisekiso.
    - (iv) **Ukufunda usengqeshweni/izivumelwano zokuqesha eluqequeshwani** zilawula ubudlelwane phakathi komqeshi, umqeshwa/umfundu kunye nomnikezeli woqequesho olunesiqinisekiso. Izivumelwano kufuneka zibhaliswe noGunyaziwe weCandelo leMfundu noQeqesho (SETA) phambi kokuqaliswa kokuFunda usengqeshweni.
    - (v) **Uqequesho usengqeshweni** lubhekiselele kwisithuba esithile esibekiwyo sengqesho ukulungiselela abanezidanga ukulungiselela ukufumana amava okusebenza kummandla wobuchule.
  - (b) UMAsipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM) uzbophelele kufundo usengqeshweni/nokuqequeshwani engqeshweni kunye neenkubo zamakhono:

- (i) Ezichaphazela imiba emininzi (okt. zibandakanya imimandla emininzi eyahlukeneyo).
- (ii) Ezinikezelwa ngokweemfuno zombutho.
- (iii) Ezibandakanya uthelawano nentsebenziswano phakathi kobume beendawo zomsebenzi ezahlukeneyo ukulungiselela ukunikezela abafundi ngamava omsebenzi ayimfuneko.
- (iv) Enokumilisela nakuwuphi na ummandla womsebenzi engengayo imisebenzi yobuchule eqhelekileyo.
- (v) Ezihlanganisa imfundu noqequesho Iwamakhono yaye iya kunikezela ngendlela esekwe kumsebenzi ukuya kwisiqinisekiso, okanye wakhe iziqinisekiso zezifundo eziya kwikhono.
- (vi) Ezinikezela ngesiseko esilungiselelw imfundu yobomi bonke.
- (vii) Ezimilisela isiCwangciso soPhuhliso IwaMakhono.

## **10. IZINTLU ZEMISEBENZI**

- 10.1 Izintlu kufuneka zipuhliswe kujoliswe kokuphambili kweqhinga kukamasipala nakuxanduva Iwakhe lokunikezelwa kwenkonzo.
- 10.2 Izintlu kufuneka zipuhliswe kujoliswe kokuphambili kweqhinga kukamasipala nakuxanduva Iwakhe lokunikezelwa kwenkonzo.
- 10.3 Izintlu zemisebenzi azisoloko zibonelela “ngonyuselo” (ukuya kwisikhundla esingentla), kodwa zibonelela ngenani leendlela ezahlukeneyo zokutshintshwa apha kumbutho.
- 10.4 UMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM) uya:
  - (a) Kuqinisekisa ngento yokuba imfundu, uqequesho nezibonelelo zophuhliso zibekelwe izintlu zemisebenzi ezichongiwego.
  - (b) Kunceda abaqeshwa ukuze babe nokwenza iziggibo ngemimandla yemisebenzi abanakho ukuyilandela ngokusetyenziswa kweNkqubo yeNkxaso yoMfundu.
  - (c) Kunikezela ngoncedo lokufunda kubaqeshwa abaqeshwe isigxina ngokuhambelana neemfuno zombutho, ikhono nokuphambili ekujoliswe kuko.
  - (d) Kunikezela ngoncedo lokufunda kumalungu oluntu Iwengingqi kuxhonyekewo kwikhono lakhe lemali njengenxalenye yoxanduva Iwentlalo nangenjongo yokubonelela iimfuno zexesha elizayo zombutho.

## **11. UVAVANYO NENGQINISEKISO YOKULUNGA**

- 11.1 Njengesixhobo esitsha solungelewaniso esilungiselelwwe yonke imfundo, uqequesho nophuhliso eMzantsi Afrika, iNational Qualifications Framework (NQF) iya kuqinisekisa ngento yokuba imigangatho neziqinisekiso zinexabiso elinye kwisizwe sonke.
- 11.2 Oku kubangela kukuba imigangatho neziqinisekiso ziqlunqelwe isizwe ngokubanzi ngokuthathyathwa kwenxaxheba ngabo bonke abachaphazelekayo kuyo yonke imimandla yokufunda.
- 11.3 UMAsipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM) uzibophelela:
- (a) Ekuqinisekiseni abasebenzi abazingcaphephe bayaqequeswa baze babhaliswe kuvavanyo okusekwe kwiziphumo.
  - (b) Ekusekeni nasekumiliseleni inkubo yangaphakathi yengqinisekiso yokulunga ehlangeneyo ebandakanya inkubo yohlolo loMfundu kunye nerekhodi yokufunda yabo bonke abaqeshwa ngokuhambelana nezikhkhelo zeEducation and Training Quality Assurance (ETQA).
  - (c) Ekuchongeni ukuba yiyphe imigangatho yokufunda neziqinisekiso aya kuzibhalisa njengomnikezelis wemfundo.
- 11.4 Ingqwalasela yeMfundu yaNgaphambili (RPL)
- (a) Ukuqwalaselwa kweMfundu yaNgaphambili (RPL) yinkubo yovavanyo ekunokuthi ngayo abafundi babonelelwwe ngeziqinisekiso ngemfundu abasele beyifumene ngenxa yamava omsebenzi okanye naluphi na olunye uhlolo lokufunda lwangaphambili .
  - (b) Ngethuba lovavanyo kufuneka babonise into yokuba bayazifezekisa iziphumo zokufunda ezikwimigangatho yokufunda ezilungiselelwwe isiqinisekiso esithile ngokubonisa oko bakwaziyo yaye bayakwazi ukukwenza oko. Inokwenzeka into yokuba afumane isiaqinisekiso esipheleleyo okanye inxalenye yesiqinisekiso, ngokusetyenziswa kweRPL.
  - (c) limvavanyo zokuQwalaselwa kweMfundu yaNgaphambili (RPL) zixhomekeke:
    - (i) Kwiimfuno zokusebenza
    - (ii) Kwizidingo zombutho
    - (iii) Kufumaneka kwezibonelelo zemali nabasebenzi
    - (iv) Kwizithintelo zokusebenza
  - (d) UMAsipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM) uzibophelele:
    - (i) Ukuvuselela iRPL njengesixhobo esifumanekayo nesiphuhlisyay ukulungiselela ukwakhiwa kombutho nabaqeshwa bawo, nokunika ingqwalasela kumalungelo abaqeshwaokuthabatha inxaxheba ngokuzithandela.

- (ii) Ukuseka nokumilisela inkqubo yeRPL ngokuqalisa ngomgaqonkqubo ochaza iinjongo, iimethodi, ubume, iinkqubo nezibonelelo niomsebenzi weRPL.
- (iv) Ukumilisela inkqubo yeRPL kwiCWDM ngokubanzi ukulungisa uminyo lwamakhono abasebenzi.
- (iv) Ukunikezela ngamandla ahlaziyiweyo kuvuselelo lomdla wabaqeshwa ngokubhekiselele kukufunda ubomi bonke..

## **12. UHLAHLO LWABIWO-MALI**

12.1 Le mithetho-siseko ilandelayo iya kusebenza kuguqulo lohlahlo Iwabiwo-mali lwemfundo, loqequesho nophuhliso:

- (a) Uhlahlo Iwabiwo-mali loqequesho loMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM) luya kuniselwa ziimfuno zomthetho ngokunjalo nokuphambili kweqhinga ekujoliswe kuko kombutho njengoko kubonisiwe kwizicwangciso zoshishino zamasebe, kunye nesiCwangciso saMakhono kwiNdawo yeNgqesho.
- (b) Uhlahlo Iwabiwo-mali loqequesho loMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM) luya kugcinwa kwindawo enye kwiZibonelelo zaBasebenzi ukulungiselela ulawulo olusebenzayo Iwezabelo zoqequesho nokuququzelela ukunikwa kwengxelo kwiBhunga nakwiLGSETA.
- (c) Olu hlahlo Iwabiwo-mali lulandelayo loqequesho lwesebe luya kulawulwa ngokusebenzayo yiNtloko yeSebe efanelekileyo ngothethwano noMlawuli: uQequesho noLawulo IweNdlela yokuSebenza, nangona kunjalo ukunikwa kwengxelo kolu hlahlo Iwabiwo-mali liya kwensiwa kunye liCandelo loQequesho rhoqo ngenyanga:
  - (i) IOfisi yoMlawuli kaMasipala
  - (ii) liNkonzo zoBugcisa
  - (iii) liNkonzo zeMali neNkxaso yeQhinga
  - (iv) liNkonzo zoPhuhliso loLuntu noCwangciso

12.2 Le mithetho-siseko ngokubanzi ilandelayo iyasebenza ngokunjalo:

- (a) liNtloko zamaSebe zinoxanduva lwemfundo, uqequesho nophuhliso lwabaqeshwa bazo yaye kufuneka ngoko ziqinisekise ngento yokuba isibonelelo esaneleyo semali senziwe.
- (b) UMLawuli kaMasipala unakho kumathuba ngamathuba ukumisela uqequesho olusisinyanzelo olusekwe kwiimfuno zokusebenza kombutho kuxhonyekewe kwizithintelo zohlahlo Iwabiwo-mali.

- (c) liNtloko zamaSebe kufuneka ziqinisekise ngento yokuba izicwangciso zoqequesho zomntu ngamnye ziqlununqiwe ze zasayinwa kwisithuba seenyanga ezimbini ukusuka ekuqaleni konyaka-mali.
- (d) UMLawulo loQeqesho noKwenziwa koMsebenzi / uMququzeleli oyiNtloko woPhuhliso lwaMakhono uya kudlala indima yokuququzelela, yokucebisa nokuxhasa amasebe.
- (e) Imithetho-siseko yolondolozo Iwendleko ngeli thuba kuqinisekiswa ngokulunga kubonelelo loqequesho.
- (f) Nangona iinzame zonke ziya kwenziwa ukufumana inkqubo yomnikelo womrhumo, kufuneka iqondwe into yokokuba asilulo lonke uqequesho oluya kufaneleka ukuba lufumane umnikelo ovela kwiSETA. Uhlahlo lwabiwo-mali loqequesho kufuneka ngoko Iwamkele isibonelelo soqequesho Iwabangenawo umnikelo.
- (g) Lonke uqequesho oluthi lunikezelwe ngaphakathi kufuneka luxhatyiswe kakuhle ukulungiselela iinjongo zothelekiso.

### **13. UKUTHENGWA KWEMPAHLA**

Ukuthengwa kwempahla kuya kuhambelana noMgaqo-nkqubo wokuThengwa kweMpahla liBhunga nezikhokhelo zeETQA ezilungiselelw abanikezelili bezifundo zoqinisekiso.

### **14. ABACHAPHAZELEKAYO: INDIMA NOXANDUVA**

#### **14.1 IBhunga**

- (a) Indima yeBhunga kukukhuthaza nokuququzelela imfundu, uqequesho nophuhliso lwabo bonke abaqeshwa nooceba ukunika ingqwalasela kukubaluleka kweqhinga apho.
- (b) IBhunga linoxanduva:
  - (i) Lokuqinisekisa ngokuthotyelwa kumthetho ofanelekileyo namaqhinga esizwe ngokunjalo nothethwano nemibutho yabasebenzi ngokubhekiselele kumiliselo apho.
  - (ii) Lokwamkela (with due consultation) uMgaqo-nkqubo weMfundu, uQeqesho noPhuhliso, isiCwangciso saMakhono seNdawo yeNgqesho nomiliselo ngoko.
  - (iii) Lokuvavanya nokuhlola iziphumo kunye/okanye inkqubela phambili.

- (iv) Lokubonelela ngezibonelelo ezifunekayo ngokunjalo nezixhobo zonikezelo ukulungiselela ukuhlangabezana neenjongo zeqhinga, izicwangciso zomiliselo nekujoliswe kuko kwemfundo, koqeqesho nophuhliso.
- (v) Lokuqinisekisa ngento yokuba isiCwangciso saMakhono kwiNdawo yeNgqesho silungelelanisiwe neenjongo zeIDP zoMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM).
- (vi) Lokuqinisekisa ngesibonelelo esaneleyo sohlahlo Iwabiwo-mali ukuba senziwe ukulungiselela umiliselo Iwezi njongo zeIDP objectives.

#### 14.2 Abalawuli abathe ngqo

- (a) Imfundu, uqequesho nophuhliso Iwabasebenzi ngummandla ongundoqo wendlela yokusebenza yolawulo oluthe ngqo. Igalelo labo kukubona phambili, uphuhliso nokubeka iliso.
- (b) Ulawulo oluthe ngqo lunoxanduva oluphambili ukulungiselela:
  - (i) Ukuqinisekisa ngento yokuba abaqeshwa bafundisiwe, baphuhlisiwe yaye baqeqliwi ukwenza umsebenzi wabo ngobuchule ngokuthi rhoqo kubekwe iliso kwindlela yokwenziwa komsebenzi nokuchongwa kweemfundo zophuhliso.
  - (ii) Ukuqequesha, ukucebisa nokunceda abasebenzi ngokuqhubekeyo.
  - (iii) Ukunxibelelana noMlawuli: woQeqesho noLawulo IweNdlela yoKwenziwa koMsebenzi ukuqwaliasela iimfundu ezichongiweyo zophuhliso.
  - (iv) Ukuququzelela nokuxhasa kakhulu ukukhutshelwa kwamakhono kwindawo yokusebenza (okt. Ukumilisela kwamakhono olwazi olufunyenwe kutshanje okanye olwandisiweyo).
  - (v) Ukubeka iliso nokuavanya ukufunyanwa nokukhutshelwa kamva kwamakhono ulwazi nengqiqo (ubuchule) kwindawo yokusebenza nokuthabatha amanyathelo ayimfuneko.
  - (vi) Ukuqizhelanisa kwabo nomthetho ofanelekileyo ukulungiselela ukuqinisekisa ngokuthotyelwa.
  - (vii) Ukukhulula abaqeshwa ukuze bazimase izifundo ezamkelweyo.
  - (viii) Ukubeka iliso nokunika ingxelo kwiKomiti yoQeqesho idlula kuMququzeleli woPhuhliso IwaMakhono ngokubhekiselele kwiMbukekezo yoTyalo-mali Iwazo zonke iindleko zoqeqesho ezichithiweyo.

- (ix) Ukuqinisekisa ngento yokuba iimfuno zoqequesho zesebe zichongiwe yaye zilungelelanisiwe kwi-IDP yoMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM) neeSDBIP ezifanelekileyo.
- (x) Ukuqinisekisa ngokungeniswa ngonyaka kwangethuba kweemfuno zesebe zoqequesho kwiCandelwana: uQeqesho noPhuhliso ukulungiselela ukubandakanya kwiWSP.
- (xi) Ukuqinisekisa ngento yokuba iimfuno ezichongiwego zoqequesho kwi(x) ibe ngumphumela wothethwano nabaqeshwa.
- (xii) Ukuqinisekisa ngento yokuba umiliselo loqequesho lulungelelanisiwe nesiCwangciso esamkelweyo saMakhono eNdawo yokuSebenza.
- (xiii) Ngokusetyenziswa kweenkubo ezizizo zokuthengwa kwempahla, uphuhliso nolungelewaniso lohlahlo Iwabiwo-mali Iwenkxaso-mali yesebe neendleko zohambo ukuqinisekisa ngomiliselo Iweemfuno ezichongiwego zoqequesho.
- (xiv) Ukuthintela unxaxho oluli-15% kwisicwangciso esamkelweyo saMakhono kwiNdawo yokuSebenza.

#### 14.3 Abaqeshwa

- (a) Abaqeshwa kufuneka badlale indima ebalulekileyo ekuchongeni iimfuno zabo zophuhliso, yaye kufuneka bazibophelele ekuthatheni inxaxheba nobunini kwiinkqubo zemfundo, zoqequesho nophuhliso ukulungiselela ukuqinisekisa ngempumelelo yamangenelo okufunda.
- (b) Uxanduva Iwabo lubandakanya:
  - (i) Unxibelewano nolawulo ngqo ngokubhekiselele kubuchule babo nokwenza kwabo umsebenzi ukulungiselela ukuchonga iimfuno zophuhliso.
  - (ii) Ukusebenzisa amathuba emfundo, oqequesho nophuhliso ngendlela elungileyo.
  - (iii) Ukukhutshelwa kwamakhono, ulwazi nengqiqo entsha efunyenweyo okaye eyandisiweyo kwindawo yokusebenza, ngoko kuphuculwa indlela yokusebenza.
  - (iv) Ukukhuthazwa kwaBafundi ukuba bangenise iirejista zokuzimasa kwiCandelo IoQeqesho (apho nangethuba elifanelekileyo).
  - (v) Ukukhuthazwa kwaBafundi ukuba bangenise iikopi zamaxwebhu eziqinisekiso ezingqinisisiweyo neziyinyani (iidiploma/izatifikethi) kwiCandelo IoQeqesho (apho nangethuba elifanelekileyo).

- (vi) Ukuzinyaswa kwangethuba kwazo zonke iiklasi eziyimfuneko zezifundo zoqequesho ezamkelwego.
- (vii) Ukuqinisekiswa ngokungabikho kongqubano lweeshedyuli zeklasi. Ukuba ngaba kukho unggubano kwiithayimthebhile aBafundi kufuneka bazise iCandelo loQeqesho ngokufanelekileyo ngembalelwano kwisithuba seentsuku ezimbini zomsebenzi emva kokuqinisekiswa kweshedyuli yexesha lesifundo soqequesho.
- (viii) Ukuqunkunjelwa kwazo zonke iimvavanyo (formative ne summative) kwisithuba sexesha esichaziwego.

#### 14.4 Umbutho wabasebenzi

- (a) Imibutho yabasebenzi ehlangeneyo enikwa ingqwalasela ibonwa njengabachaphazelekayo kwiinkqubo zokupuhliswa kwamakhono.
- (b) Kufuneka idlale indima ebalulekileyo kwiiforam zothethwano ukulungiselela ukumela iimfuno zamalungu ayo ngokuhlangeneyo nangabanye ngokubhekiselele kwimfundo, uqequesho nophuhliso.
- (c) Uxanduva Iwayo lubandakanya:
  - (i) Ukwazisa, ukukhuthaza nokuvuselela umdla wamalungu ayo ukuba athabathe inxaxheba kumangenelo afanelekileyo emfundo, oqequesho nophuhliso.
  - (ii) Ukunxibelelana kwiiforam zothethwano neenkqubo ezibhekiselele kupuhhliso lwamakhono.
  - (iii) Ukuqizhelanisa nomthetho ofanelekileyo ukulungiselela ukuqinisekisa ngokuthotyelwa kwawo.

#### 14.5 ICandelo: IMicimbi yaBasebenzi

- (a) ICandelo: iMicimbi yaBasebenzi lidlala indima yenkxaso nehlangeneyo ngokubhekiselele kwiimfundo, kuqequesho nophuhliso.
- (b) ICandelo: iMicimbi yaBasebenzi inoxanduva:
  - (i) Lokunikezela ngezibonelelo, iinkqubo, imigaqo-nkqubo nezixhobo ukulungiselela ukuqinisekisa ngokuthotyelwa kweemfuno ezisemthethweni kunye namalinge emfundo yequmrhu, uqequesho nophuhliso.
  - (ii) Lokuqinisekisa ngento yokuba yonke imisebenzi namalinge emfundo, oqequesho nophuhliso alungelelanisiwe kunye neqhinga elipheleleyo elihlangeneyo loLawulo lweMicimbi yaBasebenzi ukulungiselela umbutho.

#### 14.6 ICandelwana: uQeqesho noPhuhliso

- (a) ICandelwana: uQeqesho noPhuhliso olukwiMicimbi yaBasebenzi lidlala indima yeqhinga, yoququzelelo, yothethwano nolungelelwaniso ngokubhekiselele kuwo onke amangenelo emfundo, oqeqesho nophuhliso ukulungiselela ukuququzelela ukufunda kumbutho uphela.
- (b) ICandelwana: uQeqesho noPhuhliso linoxanduva:
  - (i) Lokuququzelela, lokumilisela, ukubeka iliso, uvavanyo nohlolo lwawo onke amangenelo okufunda njengoko ethiwe theca kwisicwangciso-nkqubo somgaqo-nkqubo.
  - (ii) Lokucebisa nokunikezela ngesikhokhelo kubo bonke abathabatha inxaxheba ngokubhekiselele kumalinge emfundo, oqeqesho nophuhliso lombutho okanye nohlobo oluthile lokusebenza.
  - (iii) Lokuqinisekisa ngophuhliso nomiliselo IwesiCwangciso saMakhono kwiNdawo yeNgqesho.
  - (iv) Lokuseka nokulolonga uluhlu lweenkcukacha zolwazi kunye nengaciso efanelekileyo yemfundo, yoqeqesho nophuhliso lwawo nawuphi na umqeshwa.
  - (v) Lokusebenza njengomgcini wemigaqo-nkqubo yoqeqesho nophuhliso.
  - (vi) Lokubeka iliso nokunika ingxelo ngohlahllo lwabiwo-mali nenkcitho enxulumene nemfundo, uqequeso nophuhliso.
  - (vii) Lokuqhagamshelana nokusebenzisana ngokusondeleyo kunye nawo onke amaqela afanelekileyo.

#### 14.7 IKomiti yoQeqesho yoMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM)

- (a) Indima yeKomiti yoQeqesho yeyokuba yeforam yothethwano yombutho, enoxanduva olungundoqo:
  - (i) Lokutolika nokuguqula imiba yesizwe neyengingqi yemfundo, yoqeqesho nophuhliso ngenjongo yokucebisa kwiqhinga nakumgaqo-nkqubo kuMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM).
  - (ii) Lokumisela umkhombandlela weqhinga lemfundu, loqequeso nophuhliso kulungelelwaniso nombono wequmrhu, umnqophiso neenqobo ezisesikweni zoMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM).

- (iii) Lokupuhhlisa isiCwangciso saMakhono kwiNdawo yeNgqesho ngokuhambelana neemfuno eziphambili ezisemthethweni, ezilawulayo nezombutho.
- (iv) Lokuqinisekisa ngokufana kwiinkqubo yomiliselo Iwemfundo, yoqequesho namaqhinga ophuhliso, amangenelo namalinge kwinqanaba lequmrhu.
- (v) Lokubeka iliso nokuvavanya umiliselo IwesiCwangciso saMakhono kwiNdawo yeNgqesho.

**14.8 AbaNikezeli beNkonzo baNgaphandle beMfundu, uQeqesho noPhuhliso**

- (a) Ukulungiselela ukuqinisekisa ngomiliselo olusebenzayo IwesiCwangciso saMakhono kwiNdawo yeNgqesho, abanikezeli benkonzo bangaphandle bemfundu, uqequesho nophuhliso banakho ukusetyenziswa.
- (b) Abanikezeli benkonzo bangaphandle banoxanduva:
  - (i) Lokuqinisekisa ngento yokuba bayayithobela imiqathango/iimfuno njengoko zithiwe thaca kwisivumelwano noMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM).
  - (ii) Lokuqhuba iimvavanyo eziqbekayo ezimanyeneyo apho kufanelekileyo.

**14.9 UMququzeleli woPhuhliso IwaMakhono anguNdoqo**

- (a) lindima zoMququzeleli woPhuhliso IwaMakhono kukuqinisekisa ngohambelwano ngokweemfuno ezisemthethweni nokusebenza njengonxulumano neLGSETA.
- (b) Uxanduva lubandakanya oku kulandelayo:
  - (i) Ukuseka imibutho yothethwano.
  - (ii) Ukulungiselela nokungenisa isiCwangciso saMakhono kwiNdawo yeNgqesho kunye neNgxelo yoNyaka yoQeqesho.
  - (iii) Ukuququzelela umiliselo IwesiCwangciso saMakhono kwiNdawo yeNgqesho.
  - (iv) Ukunika ingxelo kumiliselo IwesiCwangciso saMakhono kwiNdawo yeNgqesho.
  - (v) Ukuqinisekisa ngolawulo olululo nolungelewaniso Iwamalungiselelo anxulumene nomrhumo wophuhliso Iwamakhono kunye nomrhumo weminikelo.

- (vi) Kufuneka asebenze njengombizi-ntlanganiso weKomiti yoQeqesho yoMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM).
- (vii) Ukuququzelela unxibelelwano phakathi kweBhunga neLGSETA.
- (viii) Ukusebenza njengoMlungelelanisi weNgingqi egameni labo bonke oomasipala abakwimida yoMasipala wesiThili saseCape Winelands.
- (ix) Ukulungelelanisa nokuzimasa iintlanganiso zarhoqo ngekota zeForam yaBaququzeleli boPhuhliso IwaMakhono beNgingqi yesiThili saseCape Winelands.
- (x) Ukuzimasa nokunika ingxelo kwintlanganiso zarhoqo ngeKota zeForam yaBaququzeleli boPhuhliso IwaMakhono ePhondo.
- (xi) Ukumela uMasipala wesiThili saseCape Winelands kuwo onke amaqonga esizwe/ephondo/engingqi kwimfundo, kuqeqesho nakuphuhliso.

## **15. AMALUNGELO NOXANDUVA**

### **15.1 IBhunga**

- (a) IBhunga linelungelo lokumisela amathuba emfundo, oqequeso nophuhliso ngokuhambelana neenjongo zombutho, ekujoliswe kuko nezithintelo zohlahlo Iwabiwo-mali, nokuvavanya/ukumisela iimfuno zophuhliso Iwabaqeshwa.
- (b) Uxanduva IweBhunga lubandakanya isibonelelo esilinganayo nesinobulungisa kubo bonke abasebenzi sokufumana amangenelo okufunda ngokuhambelana neemfuno ezisemthethweni kunye namaqhinga esizwe.
- (c) Ukufumana kwakhona zonke iindleko ebezichithiwe, ngenxa yomphumela wenkcitho engenaziqhamo kunye/okanye engenamsebenzi.

### **15.2 Abaqeshwa**

- (a) Umqeshwa ngamnye unelungelo lokufunda, lokuqequeso lokuphuhlisa ngokuhambelana neenjongo zombutho, ekujoliswe kuko nezithintelo zemali.
- (b) Umqeshwa unelungelo lokufumana ingcaciso ephathelelene nophuhliso Iwekhono, ngokunjalo nengcaciso yobugcisa.
- (c) Abaqeshwa banyanzelekile ukuzimasa amangenelo okufunda, ukuba bathabathe inxaxheba kukufunda nokukhuphela ukufunda kwabo kwindawo yengqesho.

### 15.3 Imibutho yabasebenzi

- (a) Imibutho yabasebenzi anelungelo lokuthethana nabaqeshwa nabalaWuli, nokuba kuthethwano nayo ngemiba yemfundo, yoqeQesho nophuhliso.
- (b) Inyanzelekile ukuba inxibelelane namalungu ayo ngokubhekiselele yonke kuyo yonke imiba yemfundo, yoqeQesho nophuhliso.

## 16. IINDLELA ZOKUSOMBULULA IMPIXWANO

Yonke imibuzo yempixwano/yoluleko ebhekiselele kwomfundo, uqeQesho nophuhliso olungenakho ukusonjululwa phakathi kwamaqela achaphazelekayo luya kuqwalaselwa ngokuhambelana kunye nenkqubo yokusombulula impixwano yeBhunga.

## 17. AMACANDELO EKOMITI KUNYE NEZIBONELELO ZOKUFUNDA NOTHETHWANO

### 17.1 Amacandelo ekomiti

IKomiti yoQeqesho engxabalazileyo (IKomiti yoQeqesho yoMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM)) iqlathe abameli abaphuma kumqeshi, kwimibutho yabasebenzi kunye noMquuzeleli woPhuhliso IwaMakhono.

### 17.2 Amaziko okufunda

- (a) Amaziko okufunda aya kuchongwa elungiselelwa iinjongo zemfundo, zoqeQesho nophuhliso. La maziko okufunda aya kuxhotyiswa ngezixhobo zesiseko zoqeQesho namaziko ukulungiselela iimfuno zaBafundi.
- (b) Ezinye iindawo ezifanelekileyo anakho ukuchongwa nokusetyenziswa kummandla wendawo yomsebenzi yabathunywa ukulungiselela ukunikezelwa ngamangenelo okufunda kungabakho lumphazamisa lokunikezelwa kwenkonzo. Izixhobo zoqeQesho ezinokuthathwa ziya kufumaneka kulungiselelwa le njongo.

### 17.3 IMathiriyeli yoQeqesho nokuNikezelwa kwePhepha-mvume

- (a) Izivumelwano ngelungelo lokushicilela umsebenzi womnye umntu kunye nabanikezelci benkonzo boqeQesho bangaphandle ziya kuhlonitshwa.
- (b) Izivumelwano zamaPhepha-mvume ziyakunxulumana nemfundo, noqeQesho nophuhliso Iwabo bonke abasebenzi boMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM) yaye azisayi kuminywa zibe kwingingqi kuphela.

- (c) Zonke izifundo zangaphakathi zoqeqesho eziphuhlisiweyo zihlala ziypipropati yoMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM).

17.4 IMicimbi yabasebenzi

Umtetho-siseko wekhono lokwabelana uya kulandela.

17.5 Izibonelelo zemali

Uhlahlo Iwabiwo-mali ollukwindawo enye olulungiselelw imfundo, uqequesho nophuhliso luyacetyiswa ukulungiselel ukuqinisekisa ngolungelewaniso yayo yonke imisebenzi yokufunda ngeenjongo zokunikezelwa kwengxelo kwiLGSETA malunga nomiliselo IwesiCwangciso saMakhono kwindawo yeNgqesho.

17.6 Uthethwano

- (a) Ukulungiselela ukunika uvuselelo kwiGatya 5(2)(f) IoMthetho 35940 IoMthetho woPhuhliso IwaMakhono, we-1998 (uMthetho onguNombolo 97 we-1998), ezinkqubo zilandelayo ezilungiselelw uthethwano nabachapazelekayo ziyacetyiswa.
- (b) Nangona, uqequesho luhambelana nomsebenzi wolawulo, xa kumiselwa iimfuno zoqeqesho zesebe ukulungiselela ukubandakanya ka kwisiCwangciso saMakhono kwiNdawo yeNgqesho, abalawuli ngqo baya kuthethana nabaqeshwa ngokubhekiselele kwiimfuno zabo zoqeqesho.
- (c) Amasebe ayacetyiswa ukuba atyumbe umntu/abantu ukulungelelanisa umsebenzi woqequesho kumasebe.
- (d) Amasebe ayacetyiswa ukuba aseke iiKomiti zeSebe zokuQuquzelela uQeqesho ukulungiselela uthethwano nolungelewaniso Iwemisebenzi yoqeqesho.
- (e) ABalungelelanisi boQeqesho beSebe baya kusebenza njengoZihlalo bezi Komiti zeSebe zoQeqesho yaye baya kuba noxanduva lokusebenza kweziKomiti zoQuquzelelo IoQeqesho IweSebe.
- (f) Ukuqulunqa kwezi komiti kuya kuba ngabameli babo bonke abachaphazelekayo nabathathi-nxaxheba ngokokuba kweNtloko yeSebe efanelekileyo.
- (g) Abathathi-nxaxheba (imibutho yabasebenzi) kufuneka ityumbe aBameli beMibutho yaBasebenzi ukuqinisekisa ngomdla wamalungu ayo kwezi ntlanganiso.
- (h) Injongo yezi Komiti zeSebe zoQuquzelelo IoQeqesho iya kuxoxwa ichongwe, ibekwe iliso, ivavanywe ze kunikwe ingcebiso kwiNtloko yeSebe ngayo yonke imiba enxulumene noqeqesho kumsebenzi woqequesho okweloo candelo/sebe.

- (i) lintlanganiso zeKomiti yeSebe yoQuquzelelo loQoqosho ziya kubanjwa kube Kanye ngekota yaye ingxelo iya kungeniswa kwiKomiti yoQeqesho ukuze iqwalaselwe.
- (j) liNtloko zeSebe kunye/okanye aBalungelelanisi boQeqesho beSebe baya kuthi theca ezi ngxelo kwiKomiti yoQeqesho.
- (k) Ukuxhotyiswa nokupuhhlisa kwabaqeshwa kubonelela umqeshwa kunye nombutho, ngoko zonke iinzame kufuneka zenziwe zokuba kufikelelwe kwisivumelwano phakathi kwabachaphazelekayo.
- (l) Ukuba ngaba akufikelewanga esivumelanweni phakathi kwamaqela, iNdlela yokuSombulula iMpixwano ekubhekiselelwe kuyo kumhlathi we-16 iya kulandelwa.

## **18. UKUZIBOPHELELA KWIMISEBENZI NAMATHUBA OQEQQESHO NOPHUHLISO**

- 18.1 UMasipala wesThili saseCape Winelands (CWDM) uzibophelele ekususeni izithintelo kwimfundu, uqequeso nophuhliso lwabasebenzi yaye uya kuququzelela ubandakanyo lomqeshwa kwimisebenzi enjalo. Ngokunjani, abaqeshwa kunye/okanye ooceba balindeleke ukuba bahloniphe ukuzibophelela koMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM) kupuhhliso lwabo nokuziphatha ngokufanelekileyo xa bethabatha inxaxheba kumathuba oqequeso nophuhliso.
- 18.2 Uqequeso nophuhliso lunendleko kwiziko, ingekuko okubhekiselele kwixesha kuphela nezibonelelo ekutyalwa imali kuzo kumangenelelo kodwa ngokunjalo nexesha elichithwa ngabaqeshwa ngokuthabatha inxaxheba kwiinkqubo ezinjalo.
- 18.3 Bonke abaqeshwa/ooceba abathatha inxaxheba kumangenelo oqequeso nophuhliso baxhaswa ngemali nguMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM) elungiselelwe iindleko zokuthabatha kwabo inxaxheba. Kwimeko apho abaqeshwa kunye/okanye ooceba bathe abaluzalisekisa uxanduva lwabo ngokuhambelana nesifundo esithile okanye inkqubo, ixabiso lethuba elo liya kuhlawulwa ngumqeshwa/uceba kuMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM).
- 18.4 Abaqeshwa ngabanye kunye/okanye ooceba banakho ukuthi kumathuba ngamathuba bathabathe izigqibo ezingezizo ngokubhekiselele kukubandakanyeka kwabo kuqequeso nophuhliso umz. Banokwenza isicelo okanye batyunjelwe isifundo esinzima kakhulu ngokophuhliso lwabo lwangoku lwekhono okanye ukuchanatywa. Ngeli thuba umlawuli othe ngqo necandelo leMicimbi yaBasebenzi lizamela ukukuthintela oku ngokusetyenziswa kwenkqubo yalo yokukhetha, le ngozi isoloko ikho. Abantu akufuneki bagwetywe ngokwenza izigqibo ezingalunganga njengoko oku kungakuthintela ukuzinikela kwabo ekuthatheni umngcipheko ngokubhekiselele kupuhhliso lwabo.

- (a) Ngoko, umahluko uya kwenziwa phakathi kwabo basilelayo ukuhlangabezana neemfuno zenkqubo yoqequesho nophuhliso ngenxa yokungakhathali kunye nabo bazamela ukufezekisa iimfuno kodwa basilela ngenxa yeemeko ezingezizo ezokungakhathali nokungabi namdla.
- (b) Aba bokugqibela akusayi kufuneka babuyise iindleko zethuba lophuhliso.
- (i) Uvavanyo Iwaphambi kwesifundo luya kusetyenziswa apho kuyimfuno okunciphisa ezi meko.
- 18.5 Abaqeshwa/ooceba abangazihlangabeziyo iimfuno zesifundo baya kucetyiswa liCandelwana: uQeqesho noPhuhliso ngemiba erheshayo yokuqhubeka ukuhlangabezana neemfuno zesifundo.
- (a) Izizathu zokungahambelani ziya kuvavanya.
- (b) Apho kunokwenzeka nokufanelekileyo, iCandelwana: uQeqesho noPhuhliso liya kuzama ukunceda abantu ukusombululo nawuphi na umsebenzi onxulumene neenzima.
- 18.6 Izizathu zabaqeshwa bokukhutshwa kwisifundo ziya kubandakanya:
- (a) Ukusilela ukuhambelana neemfuno zenkqubo nangona bezazi ezi mfuno umz. Ukungawaqwaliaseli amathuba afunekayo, nokungangenisi izifundo, ukungasiqalisi isifundo emva kokwenza isibophelelo sokuthabatha inxaxheba kwisifundo nokusilela ukwazisa umququzeleli ngoku kwangethuba.
- (b) Ukusilela ukunxibelelana ngobunzima ekuhlangabezeni iimfuno zenkqubo nomlawuli othe ngqo ofanelekileyo kunye/okanye iCandelwana: UQeqesho noPhuhliso.
- 18.7 Ooceba kunye/okanye amagosa aqinisekise ukubakho kuqequesho olucwangcisiweyo kunye neendibano zengxoxo nokuzalisekisa iimfuno zezifundo ezixhityiwego aya kuthwaliswa uxanduva Iweendleko ezichithiwego ngenxa yezizathu ezilandelayo:
- (a) Ukungazimasi isifundo soqequesho ngaphandle kwesizathu esivakalayo.
- (b) Ungazimasi isifundo soqequesho esipheleleyo ngaphandle kwesizathu esivakalayo.
- (c) Ukungahambelani ngokubhekiselele kwinqobo yovavanyo Iwesifundo soqequesho, okt.:
- (i) Ukungangeniswa komsebenzi wesifundo.
- (ii) Ukungangeniswa kwePotfoliyo yoBungqina.

- (iii) Ukungaggitywa kwenifundo soqequeso ngaphandle kwesizathu esivakalayo (ukushiya isifundo phakathi).
  - (iv) Ukungazimasi kunye/okanye ukungaggitywa kweemvavanyo.
- 18.8 Kwimeko, apha ngenxa yemfuno zokusebenza, umgqatswa ochongiwego AKANAKHO ukuzimasa isifundo soqequeso:
- (a) UMLawuli othe ngqo ofanelekileyo/uSomlomo/uSodolophu kufuneka kwanethuba (kwiiveki ezimbini phambi kokuqaliswa kwesifundo soqequeso) angenise inkuthazo ebhaliwego kwiCandelwana: uQeqesho noPhuhliso.
  - (b) Abasebenzi beNkonzo eNgxamileyo ababandakanya (a), nangona kunjalo ubungqina benkonzo engxamileyo kufuneka bungeniswe kwiCandelwana: uQeqesho noPhuhliso kwisithuba seentsuku ezimbini zomsebenzi emva kokusabela kwimeko engxamileyo efanelekileyo.
  - (c) UMLawuli othe ngqo ofanelekileyo/uSomlomo/uSodolophu kufuneka, apha kufanelekileyo bafake abanye abafundi abafanelekileyo endaweni yabo bafundi bachongiwego.
  - (d) Kwimeko apha konke oku kungasentla kuhanjelwene nako, iCandelwano: uQeqesho noPhuhliso ngentsebenziswano nomlawuli othe ngqo nomlawuli othe ngqo/uSomlomo/uSodolophu kunye nomnikezeli wenkonzo banokuthetha-thethana ngokucwangciswa ngokutsha kwesifundo soqequeso esixhityiwego.
- 18.9 Kwimeko apha umnikezeli ngenkonzo erhoxise/esiyekile/esirhoxisele elinye ixesha isifundo soqequeso, uMfundu/abafundi abasayi kuthwalisa luxanduva lweendleko eziisetenzisiwego.
- 18.10 UMLawuli: uQeqesho noLawulo lweNdlela yokwensiwa koMsebenzi uya kuphanda ngalo lonke ulwaphulo lomthetho olutyholwayo lwalo Mgaqonkqubo yaye anike iingcebiso kwiNtloko yeMicimbi yaBasebenzi ngalo mba.
- 18.11 Amatyla alungiselelw uphando aya kuqhutywa ngamathuba angalungeleliswanga, kuthathelwa ingqalelo zonke iimeko zokungahambelani.

## **19. IMFUNDO YABADALA NOQEQUESHO (AET)**

- 19.1 Injongo yeAET kukulungiselela abantu abadala abanemfundu ephantsi kakhulu okanye engekho sikweni kulungiselelw amava okufunda namathuba.
- 19.2 UMAsipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM) uyayingqina into yokokuba inkqubo yeAET idinga ingqwalasela eyiyo nengengqongqo ebhekiselele kwinkqubela phambili yaBafundi.

- 19.3 Kwimeko yenqubo yeAET, ifilosofi nemithetho-siseko yeMfundu eSekwi kwiZiphumo (OBE) iya kunkqenqzeza phambili. Ngoko, le mithetho-siseko ilandelayo iya kusebenza:
- (a) linkqubo zeAET kufuneka zibeke uMfundu esazulwini.
  - (b) Iziphumo eBalulekileyo yeZifundo eziNqamlezanayo (Amakhono oBomi abalulekileyo) kufuneka asekele nayiphi na inkqubo ye AET.
  - (c) Ukuchonga nokusombulula iingxaki kusetyenziswa ukusinga nzulu nokunovuselelo.
  - (d) Ukusebenza ngokufanelekileyo kwiqela.
  - (e) Ukuququzelela nokuzilawula nokulawula imisebenzi yakho.
  - (f) Ukuqokelela, ukuhlahlela, ukuququzelela nokuvavanya ingcaciso ngengqiqo.
  - (g) Ukunxibelelana ngokufanelekileyo kusetyenziswa okubonwayo okanye okubhaliweyo/okomlomo kwamakhono emethametika kunye/okanye olwimi.
  - (h) Ukusetyenziswa kwesayensi netheknoloji ngokufanelekileyo, ngokhuseleko nangengqiqo.
  - (i) Ukubonisa ingqiqo yelizwe (njengeseti yeenqubo ezinxulumeneyo) kuthathelwa ingqalelo into yokuba ubume bokusonjululwa kwengxaki abukho nje bodwa.
  - (j) Ukunikela kuphuhliso lomntu olupheleleyo lomntu, ngokusetyenziswa kolwazi:
    - (i) Lwendlela yokufunda ngokufanelekileyo;
    - (ii) Lwendlela yokuba ngummi onoxanduva;
    - (iii) Lwendlela yowlazi lwentlalo; kunye
    - (iv) Lwendlela yokuhola amathuba emfundu.
- 19.4 Ngokufanelekileyo, ummandla wekhono ngokuhambelana nenqubela phambili kwiziqinisekiso ezifanelekileyo kunye neenkqubo zokufunda ezizezinye kufuneka zichongwe.
- 19.5 Abafundi beAET abangakho baya kuchongwa ngokuhambelana neziqinisekiso zabo ezikhoyo (okanye ukusilela okulapho) yaye ubhaliso luya kuba lolokuzithandela.
- 19.6 Abafundi beAET abangakho baya kuvavanywa ngaphambii ze bafakwe kumanqanaba eAET ahambelana neziphumo.

- 19.7 Ukuqhubela phambili kwabafundi abakwiinkqubo yeAET iya kumiselwa ngomntu ngamnye, kusekwe kuvavanyo Iwangaphambili neengxelo zenkqubela ezifunyenwe kumniKEZELI wenkonzo.
- 19.8 Abafundi beAET bay a kufuneka ukuba basayine ifomu yokuZibophelela echaza:
- (a) Iziphumo zezifundo ekufuneka zifezekiswe;
  - (b) Amathuba nexesha lokufunda;
  - (c) Kwinkxaso yokufunda efunekayo (ukuxhaswa nokufundiswa kwindawo yengqesho); kunye
  - (d) neZibonelelo eZangezelelweyo zokufunda (ukuba zikho).